| | |
|---|---|
| Isalathiso: | 20190415-3775 |
| Inombolo yefayili: | 3/3/3/2 |
| Imibuzo: | NP Funani |

INgcaciso eMfutshane yeCandelo loLawulo lwezaBasebenzi ngoBuchule: 0005/2019

Iya: KumaSekela Balawuli-Jikelele, kuBalawuli abaziiNtloko, kuBalawuli, kwiiNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kwiiNtloko zoKunika iNkxaso kwiKharityhulam, kuBaphathi beeSekethe, kwiiNtloko zoLawulo noKuphathwa kwaMaziko, kumaSekela eeNgcali zeMfundo eziziiNtloko, kuBaququzeleli boVavanyo neeMviwo, kuBacebisi beZifundo nakwiiNqununu

**ISihloko: Iibhasari zeFunza Lushaka ezifumaneka ngokwezithili zabafundi abaseNtshona Koloni ukulungiselela u-2020**

1. ISebe leMfundo leNtshona Koloni (ISebe *iWCED*) linqwenela ukupapasha ukufumaneka kweebhasari eziyi-66 zeemeko ezizodwa zeFunza Lushaka (*extraordinary Funza Lushaka bursaries*) zonyaka wokufunda ka-2020 kubafundi beBakala 12 abanenjongo yokulandela izifundo zokufumana amabanga emfundo yokuqeqeshelwa ukufundisa (*formal teaching qualification*).

2. ISkim seBhasari i-*Funza Lushaka Bursary Scheme* seSebe leMfundo esiSiseko (ISebe i-*DBE*) sinika abafundi abapasa emagqabini ibhasari yokuhlawula ngokupheleleyo iifizi zokufunda, ezendawo yokuhlala nokutya, isibonelelo seencwadi zezifundo, seenowuthsi nefizi zelebhu (*notes and laboratory fees*) (apho kufanelekileyo), nesitayiphendi esiyimali yaqho ngenyanga (*monthly stipend*) yokuhlawulela iintwana-ntwana eziyimfuneko (*basic living expenses*).

3. I-*Funza Lushaka Bursary Scheme* yiprogram yeminyaka ngeminyaka (*multi-year programme*) eyaqaliswa ngo-2007 ukuphakamisa umsebenzi wokufundisa kwizikolo zikarhulumente njengekhondo elinokukhethwa ngabemi baseMzantsi Afrika abanako nabazimiseleyo. Le program iqhutywa apha kule ngingqi, kwi-*University of Western Cape* kwi-*Stellebosch University*, naseCape *Peninsula University of Technology*.

4. Ngo-2012, iSebe i-*DBE* laqalisa ngeprogram yokugaya abafundi eqhubekela kwizithili (*district-based recruitment programme*) ethagetha abafundi abakwiindawo ezithwaxwa yintlupheko (abafundi abakwizikolo ezingabizi zifizi okanye abafundi abakuxolelweyo ukuhlawula iifizi) ukubanceda ukuba bafumane iFunza Lushaka Bursary Scheme. **Iibhasari eziyi-66 zeemeko ezizodwa (66 *extraordinary bursaries*) ziya kunikwa kuphela**

**abavumayo ukufundisa kwizikolo ezikwiingingqi ezisemaphandleni kwizikolo ezisemaphandleni, bethathela ingqalelo iimfuno zezithili zemfundo ezisemaphandleni.**

5. Ukunikwa ibhasari yeFunza Lushaka kuxhomekeke kule miqathango ilandelayo:
   (a) Iprogram iya kuxhasa ngezimali abo bafundi bagxininisa kwezi zifundo zilandelayo:
      i) **I-*BEd*: kwiSigaba seSiseko kugxininiswa:** kwiiLwimi (IsiXhosa, isi-Afrikansi, isiNgesi.
      ii) **I-*BEd*: KwiSigaba esiPhakathi kugxininiswa:** kwiiLwimi, kwiMathematika, kwiThekhnoloji nakwiiSayensi (kungabandakanywanga ii-*Social Sciences*).
      iii) **I-*BEd*: kwiSigaba saBaphezulu kugxininiswa:** kwiiLwimi, (ubukhulu becala kwisiNgesi) kwiMathematika, kwiThekhnoloji nakwiiSayensi (kungabandakanywanga ii-*Social Sciences*).
      iv) **I-*BEd*: kwiSigaba *seFurther Education and Training* kugxininiswa:** kwiiLwimi (ubukhulu becala kwisiXhosa), kwiMathematika, kwi-*Physical Sciences*, kwi-*Life Sciences*, kwi-*Civil Technology*, kwi-*Electrical Technology*, kwi-*Engineering Graphics and Design*, kwi-*Mechanical Technology*, kwi-*Computer Applications Technology*, kwi-*Technical Mathematics*, nee-*Technical Sciences*.

   (b) Ibhasari yeyonyaka wokufunda omnye ngexesha yaye, xa kukho ubungqina bokuphumelela kwizifundo, inokuhlaziywa kwakhona kunyaka ngamnye de lowo onikwe ibhasari aphumelele isiqinisekiso sokuba ngutitshala oqeqeshiweyo. Kuya kufuneka onikwe ibhasari afake isicelo kwakhona ekupheleni kuka-Oktobha kunyaka ngamnye ukulungiselela unyaka olandelayo

   (c) Akuyigqiba ikhosi yezifundo, umfundi onikwe ibhasari kuya kufuneka afundise esikolweni esisemaphandleni esikwingingqi yakhe ahlala kuyo njengangoku ithuba lonyaka omnye ngonyaka ngamnye afumene ibhasari ngawo.

6. Ngaphezulu, abenzi-sicelo abalindelekileyo mabenze izicelo zokwamkelwa kula maziko emfundo ephakamileyo (*Higher Education Institutions*) (ii-*HEI*) ahlukeneyo bethathela ingqalelo umhla wokuvala we-30 Juni 2019 yaye mabazifezekise iimfuno ezimiselweyo zokwamkelwa kula maziko azii-*HEI* ahlukeneyo achazwe kumhlathi 3 apha ngentla. Yikomiti yokhetho kaNdlunkulu weSebe i*WCED* eKapa, eya kunika iingcebiso kwiSebe leMfundo likazwelonke ngokuvunywa kweebhasari ngokwezinto aqaqambe ngazo umenzi-sicelo (*on merit*), ngokusekelwe kwezi khrayitheriya zezifundo (*academic criteria*) zizezona zisezantsi zilandelayo:

   (a) Ukupasa *kwi*nqanaba leBakala 12 ube nako "ukwamkelwa kwizifundo zesidanga sokuqala ("*admission to Bachelor's degree studies*")
   (b) Umenzi-sicelo makamkelwe kwiprogram yesidanga se*BEd* esivunyiweyo esigxininisa kwiinkalo ezimbini okanye ezingaphezulu zezifundo ezithathwa njengezibaluleke gqitha *(priority areas*).

(c) Ukupasa uLwimi lweeNkobe ngo-60% okanye ngaphezulu, uLwimi lokuQala oloNgezelelweyo ngo-50% okanye ngaphezulu nezinye izifundo ezine ngo-50%.
(d) Abafundi abanqwenela ukugxininisa kwiSigaba seSiseko, mabapase iMathematika okanye uLwazi lweMathematika (*Mathematical Literacy*) kwinqanaba leBakala 12.
(e) Abafundi abanqwenela ukugxininisa ekufundiseni izifundo zobugcisa *(technical subjects)* zethekhnoloji, mababe bayipasile i-*Mathematics*/i-*Technical Mathematics* ne-*Physical Sciences*/*Technical Science*.

7. **Umhla wokuvala ukwamkelwa kwezicelo yi-31 Julayi 2019**. Abenzi-sicelo mabenze izicelo zabo ngokuzalisa le fom yesicelo iqhotyoshelweyo baze bayithumele kula magosa alandelayo :

UNks Malorato Mpiti, inombolo yefoni 021 467 2155 i-imeyili Malorato.Mpiti@westerncape.gov.za
UNks Sinazo Wazini, inombolo yefoni 021 467 2011 i-imeyili: Sinazo.Wazini@westerncape.gov.za

8. Kucelwa wazise okukule ngcaciso imfutshane bonke abafundi beBakala 12 ukuze bakuthathele ingqalelo.

**ISAYINWE:** NGU- LJ ELY
**USEKELA MLAWULI-JIKELELE WEENKONZO ZEZIKO**
**UMHLA:** 2019-05-29

Western Cape Government
Education

# EXPRESSION OF INTEREST APPLICATION FOR BURSARY: 2020

ANNEXURE A

**Attention: Ms Malorato Mpiti, Room 9**

**Ms Sinazo Wazini, Room 9**

**INSTRUCTIONS:**

1. Please print legibly and clearly when completing this form.
2. Ensure that you complete all sections of this form correctly so as not to jeopardise your chances of obtaining financial assistance.
3. This document is a legally binding document and it is therefore necessary that the applicant and the witnesses should initial each page where a signature is not required.
4. The relevant documents should be attached to your application. Please mark with an X in the relevant space next to the documents you attached in the table below:
5. Preference will be given to applicants from the **Quintile 1-3 schools**.
6. Submission of the expression of interest does not mean the application will be approved.
7. **Your application with the attached documents should be submitted in the order as Indicated in the table below**:

| **DOCUMENTS SUBMITTED** | **PLEASE MARK RELEVANT BLOCK** | **OFFICE** USE ONLY |
|---|---|---|
| The completed **form** accompanied by: | | |
| • A certified copy of the **applicant's identity document** | | |
| • A certified copy of the **applicant's matriculation results Grade 12 OR Nov./Dec. Grade 11 results: 2018** | | |
| • **Letter of motivation** from the school principal | | |
| • Proof of provisional admission/registration at the Higher Institute of Education. | | |

**CLOSING DATE: 31 JULY 2019**

**SURNAME……………………………………………………NAME…………………………………………………………**

**CONTACT NUMBER (TEL.)…………………………………ID NUMBER…………………………………………………………**
**(CERTIFIED COPY OF ID MUST BE ATTACHED)**

| | | |
|---|---|---|
| *What is the name of your course of study? Please tick ONE appropriate box* | | **Teaching subjects:**<br>…………………………………………<br>…………………………………………<br>…………………………………………<br>…………………………………………<br>………………………………………… |
| B.Ed.: Foundation Phase specialising in Languages; IsiXhosa; Afrikaans, English | | |
| B.Ed.: Inter Phase specialising in Mathematics, Science and /or Technical subjects | | |
| B.Ed.: Senior Phase specialising in Mathematics, Science and /or Technical subjects | | |
| B.Ed.: FET Specialisation in Languages, Mathematics , Physical Science, Life Science, Civil Technology, Electrical Technology, Engineering Graphic and Design, Mechanical Technology, Computer Application's Technology, Technical Mathematics and Technical Science. | | |

| | | | | |
|---|---|---|---|---|
| **Exempted /Partially Exempted/ No fee School (attach proof)** | Yes | No | | |
| **Letter of Motivation attached** | Yes | No | | |
| **State for which year financial assistance is required** | 1st | | | |

| | | |
|---|---|---|
| **Are you already in receipt of any other study loan or bursary? If yes, specify** | Yes | No |
| **If yes, state amount and relevant particulars: Donor:______________________**<br>**Amount:________________** **Awarded from 20____ to 20_____** | | |
| **Are you under any obligation to any other employer in terms of any agreement?** | Yes | No |
| If yes, state the relevant particulars:…………………………………………………………………………………………… | | |
| **Have you at any time been refused admission to teacher training?** | Yes | No |
| **If yes, state the relevant particulars:** | | |

| | |
|---|---|
| *Next of Kin details* | |
| **Surname:** | **First Name(s):** |
| **Relationship:** | **Contact Number:** |
| **Address:** | |